basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## 2022

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha angama-32.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

1. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

2. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

   | | | |
   |---|---|---|
   | ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
   | ICANDELO B: | Idrama | (35) |
   | ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
   | ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

3. Phendula imibuzo emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

   Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

4. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

6. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

7. Sebenzisa imizuzu engama-75 KWICANDELO NGALINYE.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.** | | |
|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' uphandle* | 35 | 9 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 13 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 17 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 21 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Umntu akalahlwa' | 18 | 25 |
| | | |
| 6.2 'Ikhikhizela laseDangwana' | 17 | 27 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'Imbongi' | 18 | 29 |
| | | |
| 7.2 'Lala njalo ke Madib' omkhulu!' | 17 | 31 |
| | | |

**ITSHEKHLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI.
Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>*(Kusa Kusihlwa)*<br>*(Umqol' uphandle)*<br>*(UMonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama<br><br>*(Ndiyekeni)*<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Umntu akalahlwa')<br>('Ikhikhizela laseDangwana?') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Imbongi')<br>('Lala njalo ke Madib'omkhulu!') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

Uyise kaMpumelelo yena ebesebhetele kwezi ntsuku kangangokuba ebecinga ukuphindela emsebenzini ngoMvulo. Naye uqabuke sekubethe isiqingatha emva kwentsimbi yesibhozo, yamkhathaza le nto kuba ebethanda ukuvukela evenkileni yakhe xa eziva engcono. Namhlanje ubebanjezelwe ngamaphupha athe <u>akuwazikisa</u> akawathanda. Akakhange azikhathaze ngokuwaxelela inkosikazi yakhe.

Uphuphe ngathi uvuswa kukukhala kwesikhova athe akukroba wafika sihleli ngcu phezu kwale ndlu yabo. Uthe akusigxotha, sasuka sandanda apha enkundleni sagqibela ngokuthi ngcu phezu kwemoto yakhe. Uthe akusileqa apha sabuya saya kungena evenkileni. Uphume nesikhuni somlilo wasigibisela ngaso yasuka yantumekeka ngumlilo yonke ivenkile. Khangela ke ukuziphosa kuyo ezama ukusindisa impahla encediswa ngabantu.

Ithe yakungena inkosikazi suka lwavaleka nocango olu lukhulu batshixeleka ngaphakathi. Batsha. Uthe etoshatosha ezama ukuvula suka waphaphama kanti sekusile kwaye kusemini. **Eli phupha ulixelele uYolisa. NoThamsanqa ufike wamxelela** ukufika kwakhe ukusuka emzini wakhe. Umntu ongakhange axelelwe yimazi le kuba kaloku ibisesisifu.

Le ngxabano yabo yeveki ephelileyo yavakala ebantwini ngokubanzi kuba kaloku umphembi wayo wakha wazihambahambisa ukuza kuva ukuba izele nkomo ni na. Uthe akuhletyelwa yitshomikazi le, wayisasaza ngakumbi elokishini.

1.1.1 Xela indawo akuyo uLungile ngeli xa aphuphayo. (1)

1.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uyise kaMpumelelo ebengasayi emsebenzini. (1)

1.1.3 Nika isithethantonye segama, 'akuwazikisa' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

1.1.4 Isixelela ntoni ngoLungile inkcaza ebhalwe ngqindilili? (2)

1.1.5 Chaza ukuba ngokwasebalini lizaliseke njani iphupha likaLungile. (2)

1.1.6 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uNomakhwezi ukuthemba kwakhe kakhulu umhlobo.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Igama lomhlobo abemthembe kakhulu uNomakhwezi. (1)

(b) Ukuthemba kwakhe umhlobo omxele ku-a kumfake njani engxakini? (2)

1.1.7 Xela ukuba lwaluyokwenza ntoni usapho lwakwaNtsibande eStanger ze lufumane ingozi yemoto. (1)

1.1.8 Kwakutheni ukuze uNomakhwezi angamxhasi uLungile xa wayefuna ukwenza idinala nesidlo sevenkile? (2)

1.1.9 (a) Xela udidi lwempixano olukhoyo phakathi kosapho lwakwaNtsibande nolwakwaMakhwetshu kule noveli. (1)

(b) Chaza indlela esonjululwe ngayo le mpixano uyixele ku-(a) ngokwasebalini. (2)

1.1.10 Ngqina ngengongoma eNYE ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwinqanaba lokuyondelelana/lokujiya kwebali. (2)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

Uthe akuqwalasela uMpumelelo ekhaya apha waphawula ukuba asingomsebenzi owenziweyo ngummangaliso. Ivenkile yakowabo yayandisiwe yankulu yaza yahonjiswa ukwenzela ukuba ibe nombizane. UThamsanqa wayesefumene nemvume yesilarha, naso sesiqalisile. Nala mahla-ndinyuke sesikhe saweva mayela nale venkile athe kanti afike endodeni.

Kwakhona waphawula ukuba indlu yakowabo yokuhlala ibuye yakhiwa okutsha ngendlela ebukekayo. Urhwebo jikelele lwaluqhuba ngendlela eyanelisayo kakhulu kuba phezu kweveni, kwakusekufunwe neloli yokuthutha impahla. Kwathi kanti lo ngcembe wezi senti, emva kweminyaka uzala into.

Uyisemncinci wayeqeshe nabantu bokujonga la mashishini, yena engumongameli wawo omabini. Kwakukho nelinye inxiwa awayelifumene komnye umntu apha eG.G. enenjongo yokuba uza kwakhela unyana wakhe, uMpumelelo, indawo yokuxilongela ukuba uyathanda koko uMpumelelo wayengenazinjongo zakusebenza eThekwini.

Bathi bakudibana negqwetha lakowabo waneliseka kakhulu kukubona iincwadi ezicacisa ingxowa eyenziweyo ngala mashishini kule iminyaka angekho, kuba kaloku igqwetha laliwulondolozile lo mzi lingafuni nokuqhelisa kwakubakho ugqwidi kwicala lala mashishini. Yonke into yayithe mbo, ngakumbi kuba kuthe kwakubizwa abaphendla-phendli beencwadi zamashishini banika ingxelo ekholisayo ngawo.

Kule ntlanganiso yabo bobathathu, uMpumelelo uthe 'tatomncinci, umnqweno wam mnye, ngowokuba sihlalisane ngoxolo kulo mzi wakwaNtsibande. Njengoko ubusele uwaqhuba laa mashishini akazi kuchukunyiswa …'

1.2.1 Yintoni le yayingummangaliso kuMpumelelo malunga nevenkile yakokwabo ngokwesi sicatshulwa? (2)

1.2.2 Xela ukuba yayiyintoni injongo kaThamsanqa yokuthenga inxiwa eG.G? (2)

1.2.3 Kwakutheni ukuze aneliseke uMpumelelo akudibana negqwetha ngokwesicatshulwa? (2)

1.2.4 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba lifanelekile igama athiywe lona uThamsanqa kule noveli. (2)

1.2.5 Ingaba uMpumelelo ungumlinganiswa osicaba okanye ongqukuva kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Xa ibali encwadini libaliswa kumntu (wokuqala/wesithathu) kusetyenziswa igama ('wena'/'yena'). (2)

1.2.7 Nika ngeengongoma eziNTATHU amahla-ndinyuka oluhlangene nawo usapho lwakwaNtsibande malunga nevenkile yalo. (3)

1.2.8 Xhasa ngolwazi lwebali uluvo lokuba umbhali uphumelele ukuveza ukuba impumelelo iyafumaneka emva kobunzima. (2)

**[35]**

**UMBUZO 2: *UMQOL' UPHANDLE* – MAP Ngani**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

Ezingcingeni zakhe okaHlobo, yayinye eyayimhleli, ingaba liyintoni na iyeza lokunyanga loo mbhodamo? Khangela nango amapolisa aqeshelwe ukugcina ucwangco. Ayemi bhuxe, amanye izandla esinqeni, amanye ezihlekela izinto zawo, amanye ebukela loo mibhodamo njengaye. Angaba ayediniwe njengaye bubundlobongela belokishi? Angaba ayelinde nje de kufe umntu ukuze asuke ngokuthumela kuye ukuba azingele ongumbulali? Hayi ukuba ngumcuphi! Uzisole ngelo umfo kaHlobo.

Wayewuthanda kambe umsebenzi wakhe kodwa isoloko imhleli ingqondo yokuba ubundlobongela buyekwa nje kuba ekho. Nangaloo ntsasa, amapolisa ayegqiba kuthumela umyalezo wokuba kufuneka ephande ngokufa kukaEddie Maga noLulama Zuma. Ude wee vumbululu koko kudola kwakhe uHlobo, wabiza unobhalana wakhe. 'Khawundinced'apha Lizzie mtshan'am. Khwela emnxebeni ngoku, ubhekise kwiofisi yamapolisa. Ndifuna andithumele amaphepha ebendithenjiswe ngawo. Mna **ndisathi tsi ndaweni ithile**.' Utsho equbula umnqwazi nenqawa yakhe umfo kaHlobo.

Uthe xa aphumayo, wadlula ngomngxu webhotile owawuphezu kwetafile. Utsho ngelimnandi ithamo, wahlasimla. Uphume ngomnyango ekhatshwa luncumo lukaLiziwe.

Ubethe kuhle ngenqwelo yakhe yamafutha. Naanko eqhaqhazelisa kwezo zitalato zelokishi, imoto yakhe idavuda nje phezu kweencula zamatye nemiwewe yeendonga, idyubhuza kumachibi eendywala eziphalazwe ngamapolisa eKansile. Wayephepha ephephile – ephepha amanxila; izigqubu zamadoda aqondele kookroqo-kroqo …

2.1.1 Xela igama lelokishi ekuqhubeka kuyo lo mbhodamo kuthethwa ngawo kwisicatshulwa. (1)

2.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uHlobo uwabona engawenzi umsebenzi wawo amapolisa. (1)

2.1.3 Nika isithethantonye segama, 'kufe' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

2.1.4 Isixelela ntoni ngoHlobo inkcaza ebhalwe ngqindilili? (2)

2.1.5 Chaza ukuba ngokwasebalini uzaliseke njani umnqweno wamalungu ase*Moonglow* wokuthengisa iziyobisi. (2)

2.1.6 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uLinda ukuthemba kwakhe umntu.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Igama lomntu ebemthembe kakhulu uLinda. (1)

(b) Ukuthemba kwakhe aba bahlobo ubaxele ku-a kumfake njani engxakini? (2)

2.1.7 Wayeyokwenza ntoni uHlobo kwaLinda? (1)

2.1.8 Kwakutheni ukuze limiswe ityala likaLinda kwiNkundla yeJaji? (2)

2.1.9 (a) Xela udidi lwempixano olukhoyo phakathi komthetho namalungu ase*Moonglow* kule noveli. (1)

(b) Chaza indlela esonjululwe ngayo le mpixano uyixele ku-(a) ngokwasebalini. (2)

2.1.10 Ngqina ngengongoma eNYE ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwinqanaba lengabula-zigcawu. (2)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

'Apho ndifika ndingonwabi khona kukuthi xa ndithe ekuphandeni kwam ndeza nomntu endimkrokreleyo, ze kuthi naxa sendiqonda ukuba ndiphelelisile ukuphanda ngesenzo eso ndimkrokrela kuso, suke kungavumi ukuphela oko kukrokra. Asimnqweno wam ukubona umntu egwetywa ngento angayazi kwankqu kuyazi.'
'Khawuhambe ze, Dick, andikakuva kakuhle.'
'Nantsi le nto, Sajini, uLinda utyholwa ngokubulala uEddie noLulama.' 'Dick, mfondini, umi kakuhle nje engqondweni yakho?'
'Akukho neyodwa ipeni eshenxileyo. Utsho ngokuba kutheni?' 'Ukuthetha oku kwakho akwalathi ukuba umi kakuhle. Ungakh' ulinge undixelele ukuba namhlanje akukholwa ukuba uLinda unetyala, emva kokwenza umsebenzi omkhulu kangaka – ukusombulula isishiqi ebesixakene naso. Iphandle yona eyokuba uLinda ngumbulali!' Yatsho ibufudumala le ndoda.
'Andikuphikisi. Kodwa mus' ukungxama ugqibe.' 'Uthetha ntoni kanye?'
'Ndiyeke ndithethe ndigqibe.'
'Thetha, Dick, ungabhudi kodwa.'
'Bendisathi uLinda uyatyholwa ngokubulala uEddie noLulama. Uyatyholwa phantsi kobungqina obuqokelelwe ndim. Ngoko ke ndingatsho ukuba utyholwa ndim.'
'Utyholwa zizenzo zakhe, Dick, uyaphazama ngoku.' 'Yeka ndithethe, Sajini.'
'Thetha ke.'
'Kwiveki ezayo, uLinda uza kujongana netyala.'
'Kunjalo nje ngathi kum awusafiki nalo mhla, ndimbone ephendula ngesono sakhe, ehlawula ngendlela afanele ukuhlawula ngayo-ukuxhonywa ade afe fi?'
'Kahle, Sajini,' wacenga watsho uHlobo.

2.2.1 Yintoni le ingamonwabisiyo uHlobo ngokwesi sicatshulwa? (2)

2.2.2 Xela ukuba wawuyintoni owona mnqweno kaHlobo ngeli tyala athetha ngalo. (2)

2.2.3 Kwakutheni ukuze afudumale uSajini Ngqondi? (2)

2.2.4 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba lifanelekile igama athiywe lona uLinda kule noveli. (2)

2.2.5 Ingaba uThembisa Ntlokonkulu ungumlinganiswa osicaba okanye ongqukuva? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Xa ibali encwadini libaliswa kumntu (wokuqala/wesithathu) kusetyenziswa igama ('wena'/'yena'). (2)

2.2.7 Nika ngeengongoma eziNTATHU ubungqina obabusayanyaniswa noLinda ngokubulawa kukaEddie noLulama. (3)

2.2.8 Xhasa ngolwazi lwebali uluvo lokuba umbhali uphumelele ukuveza ukuba ingalo yomthetho inde. (2)

**[35]**

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2.

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

Wawungafika sele efunde amaqhinga okumphepha, athi xa inqwelo yemithwalo iza kuphuma abaleke ngokungathi uyazidlalela aye kuyilinda loo nqwelo kwindawo esitheleyo apho evenkileni ukuze angabonwa xa akhwelayo. Wayekhangelwa ancanywe xa kuza kutyiwa isidlo sangokuhlwa engabonakali apho akhoyo, kanti ukwelinye laloo magumbi abasebenzi balapho bonwabile ulibele tu ngokutyiwayo. Yena uMamTolo yayingamhluphi loo nto kuba ke yayibonakalisa ukuba ngenene uyazazi ukuba usiso isicaka uMonwabisi, kodwa wayesilwa abe bomvu xa athe wabhaqa abakhe abantwana bejinga-jinga phakathi kwezicaka, ngabula yena. Ithuba apho wayethi axakaniseke kukungamfumani uMonwabisi kungexesha mhlawumbi xa afuna ukumthuma. Wawungambona ke xa amdla ngamazinyo emshwabulela emfanisa naso sonke isilo esilivila apha emhlabeni. Apho ke wayethi afumane ukuphumla nokonwaba azive ekwelokugqibela izulu uMonwabisi, wayefika ibe yinto ehlekwayo loo nto yokuba ngqwabalala kwakhe uMamTolo ufike sele ethiywa amagama ayileyo kuloo nto babembona eyiyo kubo. Babemthiye igama lokuba ngu 'Nogqwashu' okanye bambize ngokuba sisiporho sasevenkileni. Kungoko ke wathi noxa aphatheke kakubana uMonwabisi angaziva ehleli kabuhlungu apho, kuba wayeye **aziphindezele ngokumhleba** ngaloo magama abizwa ngawo apho uMfingokazi lo. Kwaye nendlela ababevana ngayo noRhadebe lo yayimenza akhawuleze akhohlwe ngeenkcuku zikaMamTolo.

3.1.1 Xela igama lelali eliqhubeka kuyo ibali ngokwesi sicatshulwa. (1)

3.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uMonwabisi wayekhe angafumaneki ngexesha lesidlo sangokuhlwa. (1)

3.1.3 Nika isithethantonye segama, 'yayingamhluphi' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

3.1.4 Isixelela ntoni ngoMonwabisi inkcaza ebhalwe ngqindilili? (2)

3.1.5 Chaza ukuba ngokwasebalini uzaliseke njani umnqweno kaThandabantu wokubaneshishini eliphumeleleyo. (2)

3.1.6 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uThandabantu ukuthemba kwakhe abasebenzi.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Abasebenzi awayebathembe kakhulu uThandabantu. (1)

(b) Ukuthemba kwakhe aba basebenzi ubaxele ku-a kumfake njani engxakini? (2)

3.1.7 Xela ukuba wayeyokwenza ntoni uZangone esibhedlele? (1)

3.1.8 Kwakutheni ukuze lingafezeki iphupha likaMamTolo lokuba uHlubikazi abengugqirhakazi? (2)

3.1.9 (a) Xela udidi lwempixano olukhoyo phakathi kukaThandabantu nabanye ooSomashishini kule noveli. (1)

(b) Chaza indlela esonjululwe ngayo le mpixano uyixele ku-(a) ngokwasebalini. (2)

3.1.10 Ngqina ngengongoma eNYE ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwinqanaba lengabula-zigcawu. (2)

**KUNYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

Nangaloo maxesha athe wafika apho evenkileni wayesiya nje ukuya kujonga iqaqobana lemfuyo eyayisekhona nokusela uMonwabisi ukutya kuba yayinguye kuphela owayesehlala apho, kunye nabasebenzi abambalwa. Imfuyo yokuxhelela isilarha sakhe wayesele eyithenga kwiifama zabamhlophe kuba leyo yakhe yayivuthuluke incinci ingekho kwixabiso lokuba ingaxhelelwa ukuthengiswa. Abantu bakhe-loo maxhego namaxhegokazi wayewaxabisile ngaphambili, wayewalibele tu ngoku. Xa wawunokukhe ubalisele umntu ngendlela ekwakuyiyo kuloo venkile ngaphambili wayengekhe akholelwe wayenokuthi ubalisa intsomi emini.
Abantu abamaziyo ababehleli naye ngexesha eselapho eNtshiqo babengathandabuzi ukuba ngenene wabalekwa yiloo nyoka wayethwele ngayo. Inye ngoku into bona ababeyilindele kukuba kuvuthuluke kuphele nalawo awayesathsuthsuza amashishini. Kaloku inkolelo yileyo yokuba uthi umntu othweleyo xa loo nto ebethwele ngayo imbalekile zivuthuluke ziphele ezo zinto zobutyebi ebezinikiwe yiloo nto imthwalisileyo. Babesele beyichazile nendlela aya kuthi abhange ngayo lawo akhe amashishini. Ngokwelo thutyana kwabonakala ngenene oko kuvumisa kwabo kuza kuba yinyaniso. Thina esingakutsho nje kukuba ngelo xesha umfo wakwaSihlunu wayengayinambithi impumelelo yakhe, ekhathazwa zezo sele sizichazile, ngoko ke kwaba ngathi ngenene loo mpumelelo yakhe uyiziselwe yinto engcolileyo.

3.2.1 Yintoni le yayibangela ukuba uThandabantu ayithenge kwabamhlophe imfuyo yokuthengisa esilarheni sakhe ngokwesicatshulwa? (2)

3.2.2 Xela umahluko kwindlela aqhuba ngayo amashishini kaThandabantu ngokwesicatshulwa kunexesha langaphambili. (2)

3.2.3 Kwakutheni ukuze ibenguMonwabisi oshiyeke evenkileni ngokwesicatshulwa? (2)

3.2.4 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba lalifanelekile igama 'kwaNjazoth'umlilo' abantu ababelithiye ivenkile kaThandabantu. (2)

3.2.5 Ingaba uMamTolo ungumlinganiswa osicaba okanye ongqukuva kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Xa ibali encwadini libaliswa kumntu (wokuqala/wesithathu) kusetyenziswa igama ('wena'/'yena'). (2)

3.2.7 Nika ngeengongoma eziNTATHU amahla-ndinyuka ahlangene nawo uMonwabisi ngokwasebalini. (3)

3.2.8 Xhasa ngolwazi lwebali uluvo lokuba umbhali uphumelele ukuveza ukuba ekunyamezeleni ukho umvuzo. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

### UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

| | |
|---|---|
| MAZIKO: | Imposiso yakho utshaba ulubona selukugqibile. Ukuba ibindim bendingephumli ingazalanga indebe yempindezelo. Nayiphi na indoda ezelwe ngumfazi inalo ilungu lomzimba elingakhuselwe qulo. Intaka edla iinkozo ithiyelwa ngeenkozo, edl' inyama ngenyiki. |
| NDILA: | Mfondini obu buciko bungaka bebulunge ungekazali umlambo. Ubunalo ithuba lanele. Andifuni kufakwa mviko kule nto. Ndiyayazi into emandiyenze. |
| ZINGIWE: | Uthetha nje kuba usachetyw' iinduma, zakuphola wocula enye ingoma, ndiyakwazi. Laa ncukuthu uMadala iza kuyihlanza imali yabantwana bam. |
| NDILA: | Uya kuwaphos' amacebo ukuba uza kuhlasela wonke ubani-bani. |
| MAZIKO: | Dicksie mandikushiye kuhlwile. |
| NDILA: | Kulungile, sobonana Kusile.<br>*(Aphume)* |
| NONCEBA: | Dicksie zenimlumkele lo uphum' apha ingathi yinyush' ephala kweluhlaza ingca. |
| ZINGIWE: | **Kanti ndimbek' esweni wena**. Ukuba bendinakho ngengezi nokuza kulo wam umzi. |
| NDILA: | Nakuwuphosa umhlola ukuba niza kuphekuza iimpukane eziluhlaza, niya kuxhotyiswa yintoni? |
| ZINGIWE: | Akukho nto uya kubuya uyenze Dicksie kule nto, ndiva kwantetho le yakho. |

NONCEBA: Hayi, wethu, myeke uDicksie ngumntu naye, uzivile iimbumbulu. Bethu, mandigoduke nam ngoku.

ZINGIWE: Kulungile wethu, hamba ndikukhaphe.
*(Baphume)*

**Umboniso 2**

*(Kusuku olulandelayo ngorhatya, kungena uNdila endlwini kaFuneka Matiwane kwa-N.U. 3. Ufike uFuneka eyedwa lingekho iqabane lakhe uZanele Nxusani.)*

NDILA: Funie girl! *(Ebulisa)*

FUNEKA: Hallow Dicksie. Uyazi ukuba kule mihla usuke wanqaba wachasela okwethamsanqa. Inene ndibe uphindele esuthwini.

4.1.1 Xela indawo abancokola bekuyo aba balinganiswa bakwisicatshulwa. (1)

4.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uMaziko uhlohla uNdila umoya wempindezelo. (1)

4.1.3 Nika isithethantonye segama, 'ithuba' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

4.1.4 Isixelela ntoni ngoZingiwe inkcaza ebhalwe ngqindilili? (2)

4.1.5 Chaza ukuba ngokwasebalini uzaliseke njani umnqweno kaNdila wempindezelo. (2)

4.1.6 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uMawonga ukuthandana kwakhe etshatile.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Igama lentokazi athandene nayo uMawonga. (1)

(b) Ukuthandana kwakhe nentokazi oyixele ku-a kumfake njani engxakini? (2)

4.1.7 Xela ukuba bayeyokwenza ntoni uFuneka, uNdila kunye noZanele emfuleni? (1)

4.1.8 Kwakutheni ukuze uMaziko angamxhasi uMawonga njengeSekela lakhe emsebenzini? (2)

4.1.9 (a) Xela udidi lwempixano olukhoyo phakathi kukaNdila noMawonga kule drama. (1)

(b) Chaza indlela esonjululwe ngayo le mpixano uyixele ku-(a) ngokwasebalini. (2)

4.1.10 Ngqina ngengongoma eNYE ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwinqanaba lokuyondelelana/lokujiya kwebali. (2)

**KUNYE**

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| | *(Intlanganiso yekomiti yesikolo idibene kuxoxwa ngoLoni Mawonga ekho onke amalungu.)* |
| MADALA: | Malungu ekomiti ivuliwe intlanganiso. Kambe ke umcimbi esingawo apha seniwazi, waziwa nini nangaphezu kwam. KuMvulo ophelileyo sabizelwa esikolweni ngabahloli, apho safika utitshala lo wethu mkhulu egula, eguliswa zezeli lizwe. Umcimbi lo ayisengowenu, ngokaRhulumente nabahloli. Ke … |
| NKOSK. ZINZO: | Ke sibizelweni na ke xa kunjalo? |
| MADALA: | Ke, nibizelwe ukuba naziswe okokuba kukho into enje, nicebise ukuba ninakho. Ndimi.<br>*(Ahlale)* |
| MAVUSO: | Sihlalo, akusekho kuthundeza bhityo namhlanje. Lo mfana waziwa nanguthathatha ukuba ulala apho ahlwelwe khona echolwa nasezitalatweni. |
| JEKWA: | Namhlanje ninkqenkqeza phambili okwefolisi. Kubaswe phi, kubase bani? |
| MADALA: | Zinkosi yekani izagwelo, nangu umcimbi. Nikubonile ukutshila kwentambanane, nikubonile ukudubula kwenkanga, senibona ngoku ukutha kwayo. |
| LAMLA: | Siyaxakwa thina mayilo xa kunje. |
| ZINZO: | Sivile mhlalingaphambili, sisacinga indlela yokunqanda inkanga ingethi ide itshe pam. |
| MAVUSO: | Kanene inimba inamaqhinga? Nanitheni mhla ngoNdila senifuna-funa indledlana nje? Makahambe naye. |
| JEKWA: | Mna ndiphakamisa okokuba acetyiswe lo mfana okokuba arhoxe emsebenzini ngoku. |
| LAMLA: | Ndiyasekela, liyinyaniso elo. *(Avumelane amalungu)* |
| MADALA: | Ndihlala ndinixelela mihla le ukuba sikwixesha esingalaziyo, laziwa ngabaninilo kuphela. Ukugweba ngophondo mihla le akusisi ndawo, kungekho nonokugxeka omnye nomnye irhawu lidla umzi. Heke! Ngoku ke sisawugqibile lo. Nicinga ukuba singafaka bani kwesi sithuba? |

4.2.1 Yintoni le athi uMadala amalungu ekomiti ayazi ngaphezu kwakhe? (2)

4.2.2 Xela ukuba wawuyintoni owona mba uphambili kwiingxoxo zale ntlanganiso iqhubeka kwisicatshulwa. (2)

4.2.3 Kwakutheni uMadala ukuze angxamele ukwazi ukuba ikomiti ijonge ukufaka bani esikhundleni sikaMawonga? (2)

4.2.4 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba lifanelekile igama athiywe lona uFuneka kule drama. (2)

4.2.5 Ingaba uZanele ungumlinganiswa osicaba okanye ongqukuva? Xhasa impendulo. (2)

4.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Xa ibali encwadini libaliswa kumntu (wokuqala/wesithathu) kusetyenziswa igama ('wena'/'yena'). (2)

4.2.7 Nika ngeengongoma eziNTATHU ubungqina bokuba uThandiwe unyamezele intlalo embi kuba esoyika ukuphelelwa ngumtshato. (3)

4.2.8 Xhasa ngolwazi lwebali uluvo lokuba umbhali uphumelele ukuveza ukuba impindezelo izala enye impindezelo. (2)

**[35]**

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| | *(Aphakame esitulweni akhwexe ibhulukhwe ajikele aze kuchopha phezu kwetafile ejonge kubo. Ethetha nangezandlana.)* |
| NYOKA: | Ewe kunjalo. Sakha ubutyebi ngoku. Ubutyebi bakhiwa ngeendlela ngeendlela. Ukuba ungabuza nokuba kukubani na osisityebi, nowaziyo ukuba ubutyebi bakhiwa njani na uya kukuxelela, ukuba iindlela zokwakha ubutyebi azifani njengoko nazo izityebi zinjalo. Eyethu yile. |
| NOYONGO: | *(Eqavile, ephakamise ishiya elinye lasekunene)* Ewe kona kunjalo Mlungu. |
| NYOKA: | Ewe kunjalo kakade. Kaloku aba bantwana bahleli bezakuba namadoda kakade. Ukuba asibaniki apha, bahleli beza kuwafumana phaya phandle kakade. Yintoni umahluko? |
| NOYONGO: | Hayi awukho Mlungu. |
| NYOKA: | Awukho kakade. Umahluko nje mnye: Apha abaneli nje kukufumana amadoda kuphela, koko siyabahlawula, yaye sakha nobutyebi.<br>*(Ephethuka ejonga ekhohlo.)* Wena Noyongo, kuqhubeka ntoni? Ubundithembisile, uphi laa mntwana? |
| NOYONGO: | Hayi yonke into ihlangene Mlungu, besikunye izolo. **Uza kumbona kule veki izayo nakanjani.** |
| NYOKA: | *(Ejika ejonga ekunene)* Nomhase nawe Kuku! |
| BOBABINI: | *(Besothuka)* Mlungu! |
| NYOKA: | Nina nobabini ndifuna ningene eCala, ininzi into eqhubekayo phaya, ndibafuna apha abaya bantwana. Niyandiva? |
| BOBABINI: | Siyakuva Mlungu. |
| NYOKA: | *(Ephakama ebashiya)* Kulungile, masidibane kule veki izayo, ndifuna iziphumo ukubuya kwam. *(Aphume engxamile, engaqheliseli.)* |
| KUKU: | Kowu! Akasagezi ngako! Etsho ngesinqe esiphezulu nje. *(Enyevula)* |

5.1.1 Xela indawo abakuyo aba balinganiswa bathetha kwisicatshulwa. (1)

5.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uThambolenyoka into ayifunayo bubutyebi. (1)

5.1.3 Nika isithethantonye segama, 'izityebi' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

5.1.4 Isixelela ntoni ngoNoyongo inkcaza ebhalwe ngqindilili? (2)

5.1.5 Chaza ukuba ngokwasebalini walibulala njani uThambolenyoka ikamva lamantombazana. (2)

5.1.6 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uDina ukuthemba kwakhe umntu angamaziyo.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Igama lomntu aye wamthemba kakhulu engamazi uDina (1)

(b) Ukuthemba kwakhe lo mntu umxele ku-a kumfake njani engxakini? (2)

5.1.7 Xela ukuba wayeyokwenza ntoni uDina eKapa. (1)

5.1.8 Kwakutheni ukuze uKuku agxothwe kwaThambolenyoka? (2)

5.1.9 (a) Xela udidi lwempixano olukhoyo phakathi kukaThambolenyoka noDina kule drama. (1)

(b) Chaza indlela esonjululwe ngayo le mpixano uyixele ku-(a) ngokwasebalini. (2)

5.1.10 Ngqina ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwinqanaba lengabula-zigcawu. (2)

**KUNYE**

5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| NYOKA: | Khawulezani ndifuna ukunibona ngoku! Nozigoci nawe Nomhase, nilibele kukuthi phuhlu amehlo nje ndiyathetha. |
| BONKE: | *(Bembombozela, bayaphakama balandelelana bangene kwigumbi elingasemva.)* |
| NOMHASE: | *(Bengena bechopha)* Uyawakhathazwe yintoni ngokuMlungu, kungoLwesihlanu nje, usuku lokonwaba? |
| NYOKA: | Ndiza konwaba njani Nomhase kukho umntu endingamaziyo kwi*hotele* yam, kubonakala ukuba inkulu into ayimithiyo? |
| NOYONGO: | Hayi bo! Njani Mlungu? Ngubani ngoku lowo? |
| NYOKA: | Leliya nenekazi lihleli lodwa phaya ebharini, linxibe isikhumba esimnyama nebhulukhwe emnyama yofele. Entloko lithwele ibhandana emnyama yofele. Laza lazigquma amehlo ngeentanyongo ezimnyama. |
| NOYONGO: | Hayi, andikhange ndiqaphele mntu unjalo mna phaya Mlungu. |
| NYOKA: | Nithetha ukuba nonke anikhange niqaphele nto tu ngomntu onxibe ngokungaqhelekanga kubantu bale ndawo? Umntu ofake impahla emnyama yesikhumba wonke, wafaka izihlangu ezomeleleyo zokuqhuba izithuthuthu ezinyaweni. |
| NOZIGOCI: | Hayi mna Mlungu andikhange ndiphawule mntu unjalo phaya. Phofu uzihlupha ngantoni wena ngaye, wenze ntoni le ingaqhelekanga okanye ingakukholisiyo? |
| NOYONGO: | Ewe, khawutsho Mlungu, yintoni le isuke yantsha? Abantu benxiba nje ngendlela abathanda ngayo, yintoni le ikususayo? |
| NYOKA: | Ziyathandini zabafazi! Ndandithe kuni vulani amehlo xa nisemsebenzini, niqaphele yonke into eqhubekayo. Kodwa nonke ngoku nindixelela ukuba anikhange nibone kwa lo mntu ndithetha ngaye. |

5.2.1 Yintoni le ingamonwabisiyo uThambolenyoka ngokwesi sicatshulwa? (2)

5.2.2 Xela ukuba yintoni eyona nto uThambolenyoka abangxolisela yona ooNoyongo. (2)

5.2.3 Kwakutheni ukuze kubenzima ukuba uThambolenyoka abanjwe ade agwetywe ngumthetho? (2)

5.2.4 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba lifanelekile igama athiywe lona uZanoxolo kule drama. (2)

5.2.5 Ingaba uNoyongo ungumlinganiswa osicaba okanye ongqukuva? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Xa ibali encwadini libaliswa kumntu (wokuqala/wesithathu) kusetyenziswa igama ('wena'/'yena'). (2)

5.2.7 Nika ngeengongoma eziNTATHU ubungqina bokuba uDina wayezimisele ukubuchitha ubukumkani bukaThambolenyoka. (3)

5.2.8 Xhasa ngolwazi lwebali uluvo lokuba umbhali uphumelele ukuveza ukuba ingalo yomthetho inde. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Umntu akalahlwa' nguLL Ngewu
- 'Ikhikhizela laseDangwana' nguLL Ngewu

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

### UMBUZO 6

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

### 'UMNTU AKALAHLWA' – LL NGEWU

6.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

Unobangela wokuba iintombi zakhe ezimbini nonyana bangafundi kukuba bebesolusa loo mhlambi kuloo mathambeka aseThembeni. Ibiluvuyo olungathethekiyo kunkabi ukuba neentombi ezingaka kuba eqonda ukuba umhlambi wakhe uza kuya ukhula ngokukhula. Ithemba lakhe <u>letha</u> mhla kwamitha uThandile intombi yakhe yamazibulo. Le ntombi yehlelwe sesi siwo xa igqibezela izifundo zayo zobutitshalakazi eBhencuthi. UMathidala **wambetha loo mntwana walutywantsi** emxelela ukuba soze aphindele kweso sikolo, phofu enziwa kukungaqondi ukuba intombi le sele iyigqibile imfundo yayo.

Ube kwazama ukuyigocagoca eyomba ukuba leliphi eli tshivela limenzakalisekileyo, wabuya nembande yesikhova nakuba bekubonakala ukuba oyena mntu onobungozi bokumenzakalisa nguyise ncakasana. Uthe ngenxa yomsindo wazikhupha nentombi zakhe ezimbini esikolweni ezithuka ezifanisa nayo yonke into eyakha yambi apha phantsi kwelanga. UMaMthi wathi akuthetha nendoda yakhe eyicenga ukuba ingabakhuphi abantwana esikolweni, wathukwa wathi shwaca oku kwakhe njengelokonya lomfazi elithwebula abantwana kwindlela eyiyo. UNobesuthu noNomtha bohlukene ke nesikolo ngenxa yesiwo sikaThandile.

Kugqithe nje unyaka wamnye uThandile ehleli ekhaya waza kolandelayo unyaka wafumana isithuba somsebenzi njengetitshalakazi kwisikolo saseMpheko phesheya koMthatha. Uxelelwe nguyise ukuba kufuneka efuduke nalo olo sana lwakhe ukuya kuloo Mpheko wakhe webhongo.

6.1.1 Xela igama lelali eliqhubeka kuyo eli bali. (1)

6.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uMathidala wayeyiyixabisile imfuyo yakhe ngaphezu kwemfundo yabantwana bakhe. (1)

6.1.3 Nika isithethantonye segama, 'letha' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

6.1.4 Isixelela ntoni ngoMathidala inkcaza ebhalwe ngqindilili? (2)

6.1.5 Chaza ukuba ngokwasebalini awuzalisekanga njani umnqweno kaMathidala wokukhulisa imfuyo yakhe ngeentombi zakhe. (2)

6.1.6 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uMaMthi ukungakwazi kwakhe ukukhusela abantwana bakhe njengamzalikazi.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Umntu abemele ukubakhusela kuye abantwana bakhe uMaMthi. (1)

(b) Ukungabakhuseli kwakhe kumfake njani engxakini? (2)

6.1.7 Xela ukuba babeyokwenza ntoni uTyhobeka noMthwakazi emzini kaMathidala. (1)

6.1.8 Kwakutheni ukuze iintombi zikaMathidala zingazange zibonakale ngathi zingamnceda xa wayedinga uncedo? (2)

6.1.9 (a) Xela udidi lwempixano olukhoyo phakathi kukaMathidala neentombi zakhe kweli bali. (1)

(b) Chaza indlela esonjululwe ngayo le mpixano uyixele ku-(a) ngokwasebalini. (2)

6.1.10 Ngqina ngengongoma eNYE ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwinqanaba lokuyondelelana/lokujiya kwebali. (2)

**KUNYE**

**'IKHIKHIZELA LASEDANGWANA' – LL NGEWU**

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

Ingqondo kaMaKheswa ithathe ibeka, engaqinisekanga nokuba lo ngunyana wakhe ngenene na nokuba sisithunzela. Into emenze uMaMpafane wanxuba ziinzipho zikarheme ebekubonakala ukuba ngaphandle kokuba mdaka kudala zagqibela ukuchetywa. Uye akazi nokuba uvuyo lwakhe akuthi cakatha umcondo unyana wakhe ibiluvuyo lokwenene na. Ikhe yamfikela nento yokuba akhe asothule isikhalo kuba le ingasiyiyo laa nkwenkwana ayaziyo eyashiya iDangwana kwiminyaka elishumi elinesixhenxe eyagqithayo.

Uthethe buzucenga ezama ukuyomba le nkewu ngelithi:
'Uyaphila kodwa, Mbongo?'
'Hayi, ndiyaphila noko, mama.'
'Le minyaka mininzi kangaka, Mvemnyama, wawutshone phi?'
'Mama, ihambo yam ibende kakhulu.'
'Uvelaphi ngoku?'
'Ndivela eTinarha.'
'Ubusenza ntoni apho?'
'Bendiyingcibi.'
'Ingcibi yantoni?'
'Ingcibi yamakhwenkwe.'
'Ubungcibi obu abuhlawulelwa na le nto kungekho kwanto ichazayo ukuba ungumntu osuka emsebenzini?'

'Mama, ukuwuqala kwam lo msebenzi wobungcibi isandla sam sasisihle kakhulu ndisaziwa zizihlwele phaya kwaNobuhle. Ngoku andiyazi into endehleleyo kuba ndibakwalusa inkwenkwe ife. Awokugqibela amakhwenkwe endiwolusileyo afe omahlanu. Ndimke eTinarha abazali bala makhwenkwe befuna ukundibulala, ndasindiswa nje kukuba abo bazali bebesazilile. Ndishiye kwanto kwelo gumbi bendihlala kulo kwaNobuhle ndisindisa nje ubom bam. Ndibonile ukuba ukuze ndisinde ezintshabeni zam kufuneka ndinxibe amadlakadlaka …'

6.2.1 Yintoni le ingamonwabisiyo uMaMpafane ngokwesi sicatshulwa? (2)

6.2.2 Xela ukuba yayiyintoni eyona nto yayinqwenelwa nguMaMpafane. (2)

6.2.3 Kwakutheni ukuze afune ukulila nokuvuya ngaxesha nye ngokwesicatshulwa? (2)

6.2.4 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba lifanelekile igama athiywe lona uFanabekho. (2)

6.2.5 Ingaba uFanabekho ungumlinganiswa osicaba okanye ongqukuva? Xhasa impendulo. (2)

6.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Xa ibali encwadini libaliswa kumntu (wokuqala/wesithathu) kusetyenziswa igama ('wena'/'yena'). (2)

6.2.7 Nika ngeengongoma eziNTATHU ubungqina bokuba uMaMpafane wenza zonke iinzame ukubuyisela unyana wakhe ekhaya. (3)

6.2.8 Xhasa ngolwazi lwebali uluvo lokuba umbhali uphumelele ukuveza ukuba kuyingozi ukuzinikela kwimeko embi ozibona ukuyo. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'Imbongi' nguKN Manciya
- 'Lala njalo ke Madib'omkhulu!' nguT Yawa

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

### UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule mihobe uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo uze uphendule imibuzo.

**IMBONGI – KN MANCIYA**

Nguchul' ukunyathel' ingcibi yezibongo;
Lichabasa lechebesh' elichas' amachelesi;
Yinkcambi yolwimi ichanasa lokucukuceza.
**Kroti** lakwabani ngqanga yamazwi!

Khonkco lomzi nesizwe samathongo;
Akusiloqi nasiwanqi salopholopholo;
Yinjinga engaqhayisi ngazincwadi zamlungu;
Izigasa ngezisongelo zolwimi oluncuthu mazangwa.

Yingcungcu ongeyivali mlomo,
Kub' imiqobo ayibekelwa mbongi;
Ngumavula-kuvaliwe isinyikatha sesazi
Seemfihlo zelizwe elizayo kwisizwe samaThongo.

Ezakh' iziqamangelo zikwilizwe elingaphaya kwefihlo.
Wolondl' itshoba lakhe umfo wasemzini,
Nqwa neletola int' eman'ukutywas' ihlasimla;
Ihlokohlwa ngamahlwantsi elizwe lasekupheleni.

Yingqitsimakhw' engaphahluki njengethumba.
Yipikoko ekucondoba kutsal'injezu;
Yintambanana ukuvotyozel' ityityimba;
Ngodokolwan' ukuwaganga amantyontyelo.

Ngujobela ukuthand'ezizezakhe iihombo neehombile.
Yingcibi nencacholo yezivatho;
Ibhinqel' amawatsha, izikhaka nesidlokolo.
Ngumvetshan' oventshuz' uvatshula.

7.1.1 Xela ukuba iyingcibi yantoni imbongi ngokwesitanza soku-1. (1)

7.1.2 Nika uhlobo lophindaphindo olukrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wesi-2. (1)

7.1.3 Bhala isithethantonye segama elibhalwe ngqindilili kwisitanza soku-1. (1)

7.1.4 Qwalasela lo mqolo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

'Khonkco lomzi nesizwe samathongo'

(a) Nika intsingiselo yegama i**khonkco**. (1)

(b) Chaza ukuba oku kuthetha ntoni ngembongi. (2)

7.1.5 (a) Chonga izinto eziMBINI ekuthiwa izizo imbongi kwisitanza sesi-3. (2)

(b) Kunika luphi ulwazi ngayo oku ukuchongileyo? (2)

7.1.6 (a) Xela ukuba lifaniswa nantoni itshoba lembongi kwimiqolo ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisitanza sesi-4. (1)

(b) Xele ukuba olu faniso luphuhlisa ntoni ngembongi. (2)

7.1.7 Thelekisa isakhiwo sangaphandle semiqolo 16 nowe-17. (2)

7.1.8 Xela udidi lwesafobe esifumaneka kumqolo we-18. (1)

7.1.9 Nika umxholo walo mbongo. (2)

**KUNYE**

7.2 Funda esi sicatshulwa sesibongo silandelayo uze uphendule imibuzo.

**LALA NJALO KE MADIB' OMKHULU! – T YAWA**

Uwil' umth' omkhulu wakwaMadiba;
Isithonga sokuwa kwawo
Sivakele mbombo zonke zehlabathi;
Ladidizel' ihlabathi langa lifikelwe yincilikithi;
Zaphithizel' izizwe zanga zifikelwe yitsunami;
Yaxananaz' iminxeba yashiy' abantu bethe ng'a imilomo.
Tyhini! Yintoni le ndiyivayo, liphupha kusini na?
Axananaza amaphephandaba ndaweni zonke;
Nawo edanduluka ngazwiny' esithi 'yivan' ezi ndaba'!
Lilel' irhamb' elirhangarhanga lakwaSophitsho;
Yee shwak' indod' enkulu yashiyek' ezintliziyweni;
Ndithetha ngotata wesizwe ontingele kweziphezulu iindawo.
Kazi sosela phi na laphukile nje iphiko lamanzi?
Kaz' iinkokeli zezizwe zoludimbaza phi n' ulwazi?
Kaz' ibiza kubhodl'ithini na inkunzi yaseNtabozuko ukuba
ibisadl'amazimba?
Inen' ibiya kusiphul' izicith' into kaMqhayi ukuthetha ngalo
mfokazi.
Sii! Kufandini ulutshaba;
Woo! Kufandini ndikugwebile;
**Iimveku nazo zitsho ngesimbonono;**
Kuba zilahlekelwe ngutat'omkhulu wazo.
Madi-i-i-i-ba! Sop-i-i-i-i-tsho!
Ngxwayingxway' enooxhongw' abade ngathi yingxangxosi;
Gwangqandin' elinomkhitha ngathi ngowenkab' ehashe;
Busondin' obuvath' uncum' oluncamis' umxhelo;
Chul' ukunyathel' ohamba ngobunono bekati;
Fudondin' olufakade naxa lixikixwa ziintlungu zomzimba.

7.2.1 Xela ngeengongoma ezimbini ulwazi esilufumana kumqolo woku-1 ngoMadiba. (2)

7.2.2 Chonga ibinzana kumqolo wesi-3 eliveza ukuba iindaba zokusweleka kukaMadiba zafikelela kuwo onke amazwe. (1)

7.2.3 Sisetyenziselwe ntoni isikhuzo esikumqolo wesi-7 kulo mbongo? (2)

7.2.4 Isazisa ntoni imbongi ngoMadiba ngokukhankanya kwayo uMqhayi kulo mbongo? (2)

7.2.5 Usixelela ntoni ngoMadiba umqolo obhalwe ngqindilili. (2)

7.2.6 Chonga ibinzana kumqolo wama-25 elichaza inkangeleko yangaphandle kaMadiba. (1)

7.2.7 Ityhila mpawu zini ngoMadiba umqolo wama-26 nowama-27.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo.

(a) Uphawu olutyhilwa ngumqolo wama-26 … (1)

(b) Uphawu olutyhilwa ngumqolo wama-27 … (1)

7.2.8 Ingaba okuqulethwe ngumqolo wama-28 sisigxeko okanye sisincomo? Xhasa impendulo yakho. (3)

7.2.9 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli ze uxhase impendulo yakho.

Lo mbongo (ngumbongo wosiba/womthonyama). Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**